


# Iindlela ezongeziweyo zokwenza uvavanyo lweCOVID-19 kwiCape Metro



**Septemba 2020**



**URhulumente  
weNtshona Koloni**



- Ngeenkqubo zovavanyo ezongeziweyo, siza kukwazi ukwandisa uvavanyo sibandakanye abantu abaninzi, ingakumbi abo baya kuthi bancedakale ngakumbi.
- Ukongeza kubasebenzi bezempilo nabo basemngciphekweni kakhulu wokusulelwa bagule yiCOVID-19, abantu abaninzi ngoku baya kwenziwa uvavanyo.

Bonke abantu abangena kumacandelo  
kawonke-wonke amaziko  
empilo bayakujongwa (babuzwe  
imibuzo) kodwa ngabo **KUPHELA**  
bachaphazelekayo kolunye loluhlu  
olungezantsi abaya kwenziwa uvavanyo:



Abantu abangeniswe esibhedlele  
abaneempawu zecoronavayirasi



Abantu abadala abangaphaya kweminyaka  
engama-55 ubudala abaneempawu  
zecoronavayirasi.



**Abantu noba bakobuphina ubudala ngokweminyaka abaneempawu zecoronavayirasi kwaye banenye nangaphezulu yezi meko zilandelayo:**

- **Isifo seswekile**
- **Ukunyango lwehigh-high okanye lwesifo sentliziyo**
- **Ukunyango lomhlaza**
- **Ukunyango lweTB**
- **UneHIV kwaye ii-ARVs azisebenzi ngendlela ekulindeleke ngayo**
- **Ukunyango lwesifo semiphunga esingapheliyo (umz. isifuba esingapheliyo, i-emphysema, ibronkhayithisi engapheliyo)**



Abantu abahlala kwindawo abanonotshelwa kuzo okanye kumakhaya abadala abaneempawu zecoronavayirasi.



Abasebenzi bezempilo aba:

- Neempawu zecoronavayirasi okanye
- Abakhwarantinileyo emva kokuba bebedibene nomntu onentsholongwane baze ababonakalisa zimpawu kwiintsuku ezisi-7 kodwa kufuneka babuyele emsebenzini.



EZINTSHA

Abantu abalinde utyando, nokuba abanazimpawu zibonakalayo



**EZINTSHA**

**Abasebenzi bakarhulumente  
abadingekayo nababalulekileyo  
(Amapolisa, amadindala entolongo,  
abacimi-mlilo, abasebenzi bakamasipala,  
abasebenzi bakwa-Eskom) abaneempawu  
zecoronavayirasi.**



**EZINTSHA**

**Abasebenzi kwindawo yokusebenza  
abaneempawu zecoronavayirasi**



**EZINTSHA**

**Abafundi nabasebenzi abeza esikolweni  
beneempawu zecoronavayirasi**

**Abanye abantu abaya  
kwenziwa uvavanyo ngaba:**



**EZINTSHA**

**Amabanjwa anempawu  
zecoronavayirasi akumaziko oluleko.**



**EZINTSHA**

**Abantu abaziswelekeleyo emakhaya  
benempawu zecoronavayirasi**

**HLALA UKHUSELEKILE**

**YIYA  
PHAMBILI**